**EyoMnga 2016**

"Ngokuba sizalelwe umntwana, sinikwe unyana; igama lakhe kuthiwa nguMmangaliso, mguMcebisi, ngThixo oligorha, nguSonini-nanini, nguMthetheli woxolo, ku Isaya 9:6

Project Hannah
Ubulungiseleli be TWR

Mthandazi Othandekayo,

Olunjani lona uvuyo ukuyiyizela nawe ngokuzalwa ko Msindisi wethu, uYesu Krestu. Xa siqala imithandazo yethu kule nyanga yeNkanga, nceda khumbula ukuthandazela iintsapho nezihlobo ezingasindiswanga ngokwazi uYesu njengoMsindisi.

Ndiyazi ngamanye amaxesha xa sikhangela embonakalweni yezinto ezenzekayo ezweni, siziva siphelelwa lithemba, ngathi izinto asokuze zitshintshe. Singahendeka ukuba siphelelwe yintliziyo okanye sixhome idyasi sithi uThixo akasiva. Kananjalo, ndiyakholwa ukuba umthandazo wokholo uyimpendulo ekungabini nethemba. Ngokholo, siyakholwa ukuba uThixo oyivayo imithandazo yethu ukufutshane kwabantliziyo zaphukileyo. Ngokholo, siyakholwa ukuba uThixo ukhona njengoko sihlangana sithandaze kuye, naye unathi.

Abafazi abathandazayo bayakholwa imithandazo yethu ingaphendulwa noxa xa sithanadaza asikuboni oko ngamehlo enyama. Siyazi ukuba xa singakwazi emasikwenze, sithandaza kuThixo owazi konke kwaye esebenza konke ukuzalisekisa injong yakhe.  Xa sigangxeleka ezintini siphinda phindeka, siyathandaza, simkholwa ukuba sinokuzenza zonke izinto kuKrestu, osinika amandla. Akufanele siphelelwe lithemba kuThixo othando lwakhe lusenjeya izolo, namhlanje, naphakade.

Enkosi ngokuthandaza unxuse. Ukuzinikela kwakho okungenakubalwa nokubalidini lokuthandaza luyichukumisile intliziyo yam nzulu. Ndijonge phambili kunyaka ozayo wezicelo oyakuhlokomisa amacango ezulu njengamazwi avela hlabathi jikelele ephakamisa igama likaYesu. Enkosi ngokukholwa nokuthandaza kuThixo okufutshane ozivayo izikhalo zee ntombi zakhe.

Enkosi ngokuqhubeka ngothando nenxaso, ukholwa ukuba kuye ke onako ukwenza okungaphezu kweento zonke ngokugqithisileyo kakhulu, ngaphezu kwesikucelayo nesikuqiqa, ngokokwamandla asebenazayo ngaphakathi kwethu (Ephesians 3:20). Nceda qhubeka uthandazela inkokhelo kaThixo nomkhomba ndlela wakhe xa singenela omnye unyaka wobulungiseleli bokholo, kuyo iNkosi yethu, simcela uThixo azise abaninzi, nabaninzi abanxusi bokuthandaza bangenelele kulo nyaka uzayo.

Kuye sinemigcobo,

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah